



## KERNGENEESKUNDE / NUCLEAR MEDICINE TYGERBERG HOSPITAAL / TYGERBERG HOSPITAL

Tel: 021 938 4265 (results) 021 938 4268 (bookings) Fax: (021) 938 4694  
[www.sun.ac.za/nuclear](http://www.sun.ac.za/nuclear)



## UNYANGO LWERADIO-AYODINI ULWAZI OLULUNGISELELWE IZIGULANE

Njengoko sele usazi ukuba ugula sisigulo esibizwa ngokuba kukusebenza kakhulu kwedlala kwethiroyidi, ucetyiswe ukuba ufumane unyango olubizwa ngokuba yiradio-active ayodini (radio-ayodini) ukunyanga incindi eninzi ekhutshwa yithiroyidi.

Iradio-ayodini ingena kwithiroyidi, ukuze inike ubushushu kwidlala. Le ndlela yonyango itshabalalisa inxalenye yedlala elisebenza kakhulu likhupha incindi eninzi. Loo nto yenza ukuba ithiroyidi isebeenze ngendlela eqhelekileyo.

Inkqubo yokuyenza le nto ilula kakhulu. Uya kufumana umhla nexesha oza kutyelela ngawo **iNuclear Medicine, inombolo yefowuni ngu-938-4265, eGold Avenue, kumgangatho we-10, kwisibhedlele saseTygerberg**, kusasa ngoLwesine. Apha uya kufumana l-ayodini eyipilisi. Emva koko uya kubuyela ekhaya. Yonke le nkqubo ilula oku kokusela ipilisi kumntu onentloko ebuhlungu.

**Umhla nexesha lotyelelo kufuneka ugcinwe kuba kuya kube kwensiwe amalungiselelo oku-odola ithamo leradio-ayodini elungiselelwe wena qha. Eli thamo lifaneleke lenziwe ngomhla nexesha elithile.**

Akukho malungiselelo ekufuneka uwenzile phambi kokuba usele lepilisi. Nangona kunganyanzelekanga ukuba ungtiyi, kucetyiswa ukuba ngale ntsasa uza kutyelela ngayo ekliniki ufumane isidlo sakusasa esikhaphukaphu.

Mhlawumbi ungazikhathaza ngokufuna ukuza nento eyiradio-active. Injongo yale ncwadana kukuqinisekisa ukuba unemibuzo eqhele ukubuzwa zizigulane iphendulekile.

### **Wena nonyango lweradiyeshini**

Ngenxa yokuba uninzi lwe-ayodini lujongene nokungena kwithiroyidi, leyo ingafunwayo yithiroyidi ayinamsebenzi emzimbeni (iphuma xa uchama). Uvavanyo olwenziwe ngobuchule kumawaka ezigulane ezisebenzisa unyango lweradio-active ayodini kumashumi eminyaka eyadlulayo azange lubonise ukwanda komhlaza okanye lubonise ukhubazeko kubantwana abazalwe zizo.

### **Abanye abantu nonyango lweradiyeshini**

Ungafuna ukuzikhathaza ngabanye abantu (izizalwane okanye izihlobo) eziza kusebenzisa olu hlobo lonyango xa uthe wadibana nabo. Ukuba uyathanda ungazama ungadibani nabo kwiintsuku ezimbalwa emva kokusebenzisa kwabo iradio-ayodini. Singakuqinisekisa ukuba umlinganiselo weradiyeshini oza kuwubona kwabanye abantu awunabungozi.

### **Ukukhulelwokuncancisa**

Kucetyiswa ukuba ungalwenzi naluphi na unyango lweradio-active xa ukhulelwokuncancisa. Ukuba ukhulelwokuncancisa ukrokrela ukuba unzima, okanye uyancancisa, nceda wazise ugqirha okanye abo bakunyangayo phambi kokuba bakunike unyango lweradio-ayodini. Kucetyiswa kwakhona ukuba isigulane esiza kufumana unyango lweradio-ayodini, okanye

umlingane okanye umfazi wesigulane eso angamithi kwinyanga ezintandathu emva kokuba isigulane sifumene olu nyango.

### **Amayeza**

Ukuba busebenzisa amayeza okuthomalalisa ukusebenza kakhulu kwethiroyidi anjengala (umzekelo Inderal<sup>R</sup>, Pur-Bloka<sup>R</sup> namanye), ungaqhubekeka nawo kude kube ziiveki ezi-4 ukuya kwezi-6 emva konyango lweradio-ayodini. Ngoku uza kucetyiswa ngamanye amayeza owasebenzisayo. Nceda uze nawo onke xa uzokubonana nogqirha, ukuze nibonisane ngawo nogqirha oza kubonana naye.

### **Okulandelayo**

Uya kuphinda unikwe ithuba lokuba uze eNuclear Medicine, mhlawumbi ngoMvulo okanye ngoLwesine kusasa, ukuqalela kwiiveki ezi-6 ukuya kwezi-12 emva kokufumana iradio-ayodini. Kolu tyelelo kwakuphindwa kwensiwe uvavanyo lwegazi ukuze kujongwe ukuba isebeanza njani ithiroyidi yakho. Ukuba ubuthunyelwe ngugqirha wabucala, uya kukuncedisa ukwenza utyelelo olulandelayo nokujonga ukuba unyango lukuqhuba njani.

### **Expected course Okulindelekileyo**

Kwixesha elininzi ukusebenza kwethiroyidi kugcinwa ngokuqhelekileyo kwiiveki nje ezimbalwa emva konyango olusebenzisa iradio-ayodini. Kumaxesha ambalwa luye luhindwe unyangolulsebenzisa iradio-ayodini. Kumaxesha amaninzi izigulane zingathi emva kweminyaka zifumene olu nyango ziqaphele ukuhla ngokuhla kokusebenza kokusebenza kwethiroyidi

(ukukhutshwa kancinci kwencidi yedlala). Ukunciphisa oku kuya kuqhutywa uvavanyo lokusebenza kwethiroyidi, kwiinyanga ezi-3 ukuya kwezi-6, ize emva koko lube rhoqho ngonyaka ukuya kwemibini. Ukuba kungakho ukusebenza kwethiroyidi ngaphantsi komlinganiselo, inako ukulawulwa ngokusetyenziswa konyango oluyi (Eltroxin<sup>R</sup>).

Siyathemba ukuba iphendulekile imibuzo yakho emininzi. Singavuya ukuba singaxoxa nawe xa uneminye imibuzo.

**UKUBA AWUKWAZI UKUFIFA NGOMHLA OWUMISELWEYO NGENXA YEZIZATHU  
EZITHILE, NCEDA USAZISE KWANGETHUBA NGOKUFOWUNELA KULE NOMBOL  
(021) 938-4265**

### **SIFUMANE**

Ukuba unemibuzo nceda ubuze ngaphandle kokuthandabuza.

#### **TSALELA UMXEBA KULE NOMBOL**:

Tel: (021) 938 4265 / 938-4268

Fax: (021) 938 4694

E-mail: [TBH.NucMed@westerncape.gov.za](mailto:TBH.NucMed@westerncape.gov.za) / [nucmed@sun.ac.za](mailto:nucmed@sun.ac.za)

Web address: [www.sun.ac.za/nuclear](http://www.sun.ac.za/nuclear)